REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# DROUGHT RELIEF ADJUSTMENTS APPROPRIATION ACT

IRIPHABLIKI YO MZANTSI AFRIKA

# UMTHETHO WOHLENGA-HLENGISO LWABIWO MALI UKUHLANGABEZANA NEMBALELA

**No 3, 2004**

# ACT

**To appropriate additional amounts of money for the requirements of the Departments of Health, Social Development, Agriculture and Water Affairs and Forestry in respect of the 2003/04 financial year.**

BE IT ENACTED by the Parliament of the Republic of South Africa, as follows:—

**Appropriation of additional amounts of money for the requirements of the Departments of Health, Social Development, Agriculture and Water Affairs and Forestry**

**1.** Subject to the Public Finance Management Act, 1999 (Act No. 1 of 1999), there is hereby appropriated out of the National Revenue Fund for the requirements of—

*(a)* the Department of Health an amount of R35 million (thirty five million rand) in respect of the 2003/04 financial year to fund the prevention of communicable diseases with special emphasis on malaria and cholera;

*(b)* the Department of Social Development an amount of R60 million (sixty million rand) in respect of the 2003/04 financial year to fund emergency relief to vulnerable communities;

*(c)* the Department of Agriculture an amount of R30 million (thirty million rand) in respect of the 2003/04 financial year to provide fodder for livestock to farming communities; and

*(d)* the Department of Water Affairs and Forestry an amount of R125 million (one hundred and twenty five million rand) in respect of the 2003/04 financial year for the provision of water for human consumption and for consumption by livestock, as well as for security to safeguard boreholes.

**Short title**

**2.** This Act is called the Drought Relief Adjustments Appropriation Act, 2004.

# UMTHETHO

**Ukwaba imali eyongezelelweyo ukuhlangabezana neemfuno zamasebe ezeMpilo, eloPhuhliso lweNtlalo yoLuntu, Ezolimo, nelezaManzi kunye namaHlathi ngokwalo nyaka-mali ka 2003/04.**

KUGUNYAZISWA yiNdlu Yowiso Mthetho yeRiphabliki yoMzantsi Afrika, ngale ndlela ilandelayo:—

**Ulwabiwo lwemali eyongezelelweyo yokuhlangabezana neemfuno zamasebe ezeMpilo, eloPhuhliso lweNtlalo yoLuntu, eleZolimo kunye nelezaManzi namaHlathi**

**1.** Phantsi kwezibonelelo zoMthetho Wolawulo Mali Yoluntu ka 1999 (Umthetho Nombolo 1 ka 1999), ngokwenjenje kwabiwa imali ephuma kuVimba Wemali YeSizwe ukuhlangabezana nezi mfuno:

*(a)* isebe lezeMpilo, isixa-mali esingama R35 ezigidi (izigidi ezingamashumi amathathu anesihlanu) kunyaka-mali ka 2003/04 ukuze ichithwe ekukhuseleni izifo ezosulelayo okungakumbi isifo sikamalaleveva *(imalaria)* kunye nesifo sorhudo;

*(b)* isebe loPhuhliso lweNtlalo yoLuntu, isixa-mali esingama R60 ezigidi (izigidi ezingamashumi amathandathu eerandi) kunyaka-mali ka 2003/04 ukuze lunike uncedo olungxamisekileyo kwabo bantu bathi babengamaxhoba;

*(c)* isebe leZolimo, isixa-mali esingama R30 ezigidi (izigidi ezingamashumi amathathu eerandi) kunyaka-mali ka 2003/04 ukuze libonelele imfuyo yabalimi ngokutya; kunye

*(d)* neSebe laManzi namaHlathi isixa-mali esili R125 ezigidi (ikhulu elinamashumi amabini-anesihlanu lezigidi zeerandi) kunyaka-mali ka 2003/04 ukuze libonelele ngamanzi alungele ukusetyenziswa ngabantu nezilwanyana nokukhusela amanzi ombiwa phantsi komhlaba.

**Isihloko esifutshane**

**2.** Lo Mthetho ubizwa ngokuba nguMthetho Wohlenga-hlengiso Lwabiwo Mali Ukuhlangabezana Nembalela, ka 2004.